PARLIAMENT

OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA ULUVO LWAKHO

## UMTHETHO OYILWAYO WESIKIMU SENZUZO YEENGOZI ZASEZINDLELENI (IRABS) [B 17 – 2017]

## Isimemo sokungenisa izimvo zoluntu

Ikomiti eJongene neMicimbi yeSebe lezoThutho imema abantu abanomdla kunye nabachaphazelekayo ukuba bangenise iziphakamiso zabo ezibhaliweyo ezimalunga noMthetho oYilwayo weSikimu seNzuzo yeeNgozi zaseziNdleleni (iRABS) [B 17 – 2017].

**Loo Mthetho uYilwayo:**

- unikezela ngesikimu sokhuseleko kuluntu kumabaxhoba eengozi zendlela;
- ukuze kumiselwe uMlawuli weSikimu seNzuzo yeeNgozi zeeNdlela ukuze alawule kwaye aphumeze esi sikimu;
- unikezele ngoludwe lweenzuzo ezicacisiweyo ngokwezinto ezingeyontsilelo kumonzakalo womzimba okanye ukufa okubangelwe okanye okuvele kwiingozi zendlela;
- ukususa ityala kubantu abathile abenze loo monakalo ngokomthetho oqhelekileyo;
- uze unikezele ngemiba enxulumene nawo.

Imibuzo, kunye neziphakamiso ezibhaliweyo, zingathunyelwa kwi-Portfolio Committee on Transport, zibhekiswe ku-**Valerie Carelse,** 3rd floor, W/S 3/79, 90 Plein Street, Cape Town, 8001, okanye zi-imeyilelwe ku-**vcarelse@parliament.gov.za.** Ukongeza kwiziphakamiso ezibhaliweyo, nceda ubonakalise ukuba unomdla wokwenza intetho ngomlomo kwiKomiti.

**Umhla wokuphelelwa kweziphakamiso ezibhaliweyo ngowama-30 kweyeNkanga 2017.**

Iikopi zoMthetho oYilwayo zingafunyanwa ku-**Valerie Carelse** kulo mnxeba: **021-403 3272**, okanye le selula **083 709 8445** okanye ku-**www.parliament.gov.za.**

**Sikhutshwe nguNks DP Magadzi, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti eJongene neMicimbi yeSebe lezoThutho.**

**Parliament. Making Democracy Work**

www.parliament.gov.za